



Edition 81  
IsiXhosa, English

It starts with a story...

## Celebrating picture books!

**November is International Picture Book Month – a time to celebrate those special books that capture our imagination with their carefully chosen words and beautiful illustrations. Picture books introduce our children to the world of literature. They also play a critical part in their development.**

Picture books are meant to be read aloud so this makes them the perfect reading resource for sharing stories with children. As we read aloud, we are also able to have conversations with our children about what we are reading, and we can invite them to comment on the story and ask questions about it. These conversations deepen children's understanding of the story. They also help children to learn about the way in which stories and books work.

Picture books offer children a language feast! Through the rhythm and rhyme in many of these books, children experience the sounds of our languages. The repetition in them (for example, "I'll huff and I'll puff and I'll blow your house down!"), allows children to join in by saying some of the words of the story, even before they are able to read. And, because picture books use fewer words than novels, the words that are chosen and how they are used, is very important. So, the rich use of language in these books develops and extends children's own use of spoken and written language.

And then there are the illustrations! Through the partnership between the words on the page and the pictures, children make meaning from what is being read to them and learn to enjoy stories. But they also learn to "read" pictures. They develop the skill of interpreting visual images, and you only have to think

about the number of advertisements you see every day to understand what an important life skill that is!

And finally there is that essential human quality of empathy. Picture books enable young children to join someone else's world just for a moment. They help children to begin learning how to step into someone else's shoes and to see life from a different perspective. Developing the ability to do this takes lots of practice, and picture books provide a safe place to start the process.

So, picture books may be entertaining and magical, but actually they're essential!

**Need help with choosing picture books for your children? Visit our "Recommended reads" section on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).**

## Ukubhiyozela iincwadi zemifanekiso!

**EEyeNkanga yiNyanga yaMazwe ngaMazwe yeeNcwadi zeMifanekiso – ixesha lokubhiyozela ezo ncwadi zikhethekileyo nezivuselela umdla nemifanekiso-ntelekelelo yethu ngamagama azo akhethwe ngononophelo kunye nemizobo yazo emihle. Iincwadi zemifanekiso zazisa abantwana bethu kwilizwe loncwadi. Kananjalo zidlala indima ebaluleke kakhulu ekukhuleni lwabo.**

Iincwadi zemifanekiso zenzelwe ukufundwa ngokuvakalayo, ngoko ke oko kuzenza umthombo wokufunda ofanelekileyo wokwabelana nabantwana ngamabali. Njengokuba sifunda ngokuvakalayo, sinethuba lokuncokola nabantwana bethu malunga noko sikufundayo, kwaye siyakwazi nokubamema ukuba benze amagqabantshintshi ngebali ze babuze nemibuzo ngebali elo. Ezi ncoko zenza kondelele ukuqonda ibali kwabantwana. Kusekwanceda abantwana bafunde malunga nendlela amabali kunye neencwadi ezisebenza ngayo.

Iincwadi zemifanekiso zenzela abantwana umgidi wolwimi! Ngobukho bezicengcelezo, isingqi nemvanosiphelo kuninzi lwezi ncwadi, abantwana bahlangana namava aliqela ezandi zeelwimi zethu. Uphindaphindo (umzekelo, "Ndiza kuvuthela, ndivuthele de ndiyiwise vovololo indlu yakho!") luvumela abantwana ukuba bakwazi ukungenelela ngokubiza amanye amagama ebali, nokuba abakakwazi ukuzifundela. Kwaye, nanjengoko iincwadi zemifanekiso zisebenzisa amagama ambalwa kuneenoveli, amagama akhethiweyo nendlela asetyenziswe ngayo, ibaluleke kakhulu. Ngoko ke, ukusetyenziswa kolwimi olutyebileyo kwezi ncwadi kuphuhlisa kwaye kwandisa ukusetyenziswa kolwimi lokuthetha nolubhalwayo ngabantwana.

Hayi ke ngemizobo yazo! Ngentsebenziswano phakathi kwamagama asephapheni kunye nemifanekiso, abantwana bafumana intsingiselo koko bakufundelwayo baze bafunde nokonwabela amabali.

Kodwa ke, bayakufunda "nokufunda" imifanekiso. Baphuhlisa isakhono sabo sokutolika imifanekiso, kwaye kufuneka nje ucinge ngenani lezibhengezo-ntengiso ozibona yonke imihla ukuze uqonde ukuba sibaluleke kangakanani na esi sakhono!

Okokugqibela, kukho olwazi phawu lobuntu kuthiwa luvulwano. Iincwadi zemifanekiso zanceda ukuba abantwana abancinane bakwazi ukuzibandakanya nelizwe lomnye umntu okomkuzwana. Zanceda abantwana ukuba baqalise ukufunda indlela yokungena ezihlangwini zomnye umntu ze bakwazi ukubona ubomi ngolunye uhlobo. Ukuphuhlisa isakhono sokwenza oku kuthatha ixesha elide lokuziqhelisa, ngoko ke iincwadi zemifanekiso zinikeza indawo ekhuselekileyo yokuqalisa le nkqubo.

Ngoko ke, iincwadi zemifanekiso zingade zibe ziyonwabisa kwaye zenza imimangaliso, kodwa zona ziyimfuneko emandla.

**Ingaba ufuna uncedo lokukhethela abantwana bakho iincwadi zemifanekiso? Ndwendwela icandelo lethu u-"Recommended reads" ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org).**




**INSIDE**  
Win a R100 gift card from Jet Club!  
**NGAPHAKATHI**  
Phumelela ikhadi lesipho sokuthenga lakwa-Jet Club elixabisa i-R100!  
**Jet Club**



Drive your  
imagination

Story Power.  
Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla ebali.






Drive your imagination

# Story Power.



Bring it home.  
Wazise ekhaya amandla ebali.



It starts with a story...

### Create your own cut-out-and-keep book

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
2. Fold it in half along the black dotted line.
3. Fold it in half again.
4. Cut along the red dotted lines.

### Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
2. Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Phinda uwasonge phakathi.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.




Kungekudala saba sele sisinda isingxobo sikaMama Jumbo, sizele ziziqhamo nayimifuno. “kanene yeyiphi enye into endiyifunayo?” wazibuza uMama Jumbo. “Yhoi! Isipili!”



Soon Mama Jumbo's shopping bag was heavy with fruit and vegetables. "What else do I need?" thought Mama Jumbo. "Ahi! A mirror!"

Fold

“Squeeze me once, squeeze me twice. Just one more squeeze and I'll double the price!” joked Louie-Louie. “Ndicudise kanye, hayi kabini. Xa unokundicudisa kube kanye kwakhona ndakuliphinda-phinda kabini ixabiso!” waqhula watsho uLouie-Louie.



**PAN MACMILLAN**

This is an excerpt from the book *Next Stop – Zanzibar Road!* by Niki Daly, published by Giraffe Books, which is an imprint of Pan Macmillan South Africa. This follows on from the first book *Zanzibar Road*, and is also available in bookstores and from online retailers.

The quirky and much-loved gang from *Zanzibar Road* is back for another fun-filled adventure with Mama Jumbo, Little Chico and a host of colourful and entertaining characters that will delight children and adults alike.


Let the adventures continue in *Zanzibar Road!*

Niki Daly's high regard for children is always beautifully expressed through the books he creates for them. He has won numerous awards at home and abroad for his lyrical writing and gently humorous illustrations.

This story is also available in the following languages: isiZulu, isiXhosa, siSwati, isiNdebele, Sesotho, Sesotho sa Leboa, Lesotho Sesotho, Setswana, tshiVenda, xiTsonga and Portuguese. To find out more about Pan Macmillan and its imprints and titles, go to [www.panmacmillan.co.za](http://www.panmacmillan.co.za).

©Giraffe Books/Pan Macmillan South Africa (African Rights) Tel: (011) 731 3440

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)





UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination

Fold





Kodwa uMama Jumbo wathi xa eJonga esipajini sakhe, wabona ukuba kukho kuphela imali yeteksi yokugoduka ... neqhekezana elingahlafunisiswanga leBham Bham Tshungama.

But when Mama Jumbo looked in her purse, there was only enough money for her taxi fare home ... and a piece of half-chewed Bum-Bum Bubblegum.



Kwela was selling mirrors and other pretty things. Ukwela wayethengisa izipili nezinye izinto ezintle.

Mama Jumbo goes to the market  
UMama Jumbo uya emarikeneni

“Yebo! That’s a nice swap!” said Mama Jumbo, waving her trunk from side to side. What a lucky day at the market!

“Ewe! Lulungile ke olo tshintshiselwano!” watsho uMama Jumbo, ejiwuzisa loo mboko wakhe. Hayi usuku lwamathamsanqa angako abenalo emarikeneni!



Mr Motiki’s taxi thumped and bumped down the dusty road.

Iteksi kaMnumzana Motiki yayintlitheka, ingqubeka, isihla kuloo ndlela inothuli.



nanqaphaya," wacinga njalo uMama Jumbo.



wepom-pom, unqapha womqwazi wakhe phithi-phithi 'kukanopecepece, zingaweli phezu elingako lokuba "Ithamsanqa epopo amabini. kuye amagaga Gxidi! Awela kwenzeka isimanga. womthi wepopo. emthunzini Jumbo wahlala Elusizi, uMama


Sadly, Mama Jumbo sat in the shade of a paw-paw tree. *Gadomp!* Two giant paw-paws landed in her lap. "How lucky that they did not land on my 'Flippy-floppy, flappy-slippy, this-way-that-way pom-pom hat," thought Mama Jumbo.

Sadly, Mama Jumbo sat in the shade of a paw-paw tree. *Gadomp!* Two giant paw-paws landed in her lap.

Mama Jambo wanted the mirror, but Kwela wanted those beads so-so much! Mama Jumbo started to bargain. "These are very special beads," she said. So Kwela offered a mirror and a piece of African print cloth.

UMama Jumbo wayesifuna isipili, kodwa uKwela yena wayewafuna loo maso nangaphezulu! Ngoko ke uMama Jumbo waqalisa ukuxoxa ngexabiso elihle anokulizuzwa. "La maso ngawodidi oluphezulu kakhulu," utshilo.

Ngoko ke uKwela ugqibele ngokuthembisa ngesipili nelatshana elihonjiswe ngokwesiNtu.



It tooted, hopped and skidded to a stop to pick up passengers along the way.

Yapopoza, igingxiza, itshitshiliza ukuya kumisa ukuze ichola-chole abakhweli endleleni yayo.



The market was busy, busy! But that was fine, because Mama Jumbo really LOVED a loud, busy market. Emariken! kwakuphithizela, isisiphithi-phithi! Kodwa kwakulungile oko, kuba uMama Jumbo enyanisweni WAVEYITHANDA imarke exokozelayo nexakelileyo.

By the time Mama Jumbo piled out, her hat was sitting on the tip of her trunk.

“Eish! A mirror would be such a help,” sighed Mama Jumbo.



Ngeli xesha uMama Jumbo athi makakhe ahlale ngokukhululeka, umnqwazi wakhe wabe sele uhleli ezantsi uthe ngcu embokweni wakhe.

“Kowu! Isipili besiya kundinceda kakhulu ke bonanje,” wafana watsho ngesingqala uMama Jumbo.

Fold

Ngephanyazo, uMakhulu Mfene wadlula ephethe ingoboz! yamaso enziwe ngoluthi. “Ndingakunika amaso am xa unokundinika!! ipopo zakho,” watsho.



Soon, Old Granny Baboon walked by, carrying a basket of wooden beads. “I’ll give you my beads for your paw-paws,” she said.

“Okay,” said Mama Jumbo. “But I only have two paw-paws, and you have lots and lots of beads.”

“I know,” said Old Granny Baboon. “But my family is hungry, and we can’t eat beads.” So Mama Jumbo and Old Granny Baboon swapped.

Next, Kwela walked by with all her pretty things. When she saw Mama Jumbo’s bowl of beads, she said, “I’ve been looking for beads like those for a long time.”

“What will you give me for them?” asked Mama Jumbo.

“How about a mirror?” suggested Kwela.

“Kulungile,” watsho uMama Jumbo. “Kodwa ndineepopo ezimbini kuphela, wena uneemfumba yamaso.”

“Ndiyazi,” watsho uMakhulu Mfene. “Kodwa usapho lwam lulambile, kwaye asinakutya amaso.” Ngoko ke, uMama Jumbo noMfene batshintshiselana.

UKwela udlule apho ephethe zonke izinto ezintle.

Akubona isitya samaso sikaMama Jumbo, uthe, “Kudala ndikhangela amaso afana nalawo.”

“Uza kundinika ntoni ngawo?” ubuzile uMama Jumbo.

“Kunganjani ngesipili?” ucebisile uKwela.

Fold



## The Na'ibali bookshelf



Have you ever read any books by South Africa's famous author and illustrator of children's books, Niki Daly? (He is the author of the cut-out-and-keep book on pages 3 to 6!) He was born in Cape Town and lived there for most of his life before moving to Kleinmond more recently. Although he writes in English, Niki Daly's books have been translated into many different languages and are enjoyed by children all over the world.

### 5 facts about Niki Daly

1. Every time he has an idea for a story, Niki Daly writes it down in a notebook he calls his "Book of Ideas".
2. He won an international award for the very first book he had published – and he has been winning awards ever since!
3. He has been writing and illustrating children's books for 36 years!
4. The part Niki Daly enjoys most about working on picture books is creating new story characters.
5. One of his favourite picture book author-illustrators is Maurice Sendak, who wrote and illustrated *Where the Wild Things Are*.

### Some books by Niki Daly

Lots of Niki Daly's books are available in a number of South African languages. Most libraries and bookshops have his books available. Here are some of his books.

*Creepy Street*

*The Herd Boy / UMalusi*

*Mama, Papa and Baby Joe*

*No more kisses for Bernard!*

*Not so fast, Songololo!*

*Pretty Salma / USalma Omhle Kunene*

*Where's Jamela? / Uphi uJamela?*

*Ruby sings the blues*

*Zanzibar Road / Indlela iZanzibar*



## Ishelufa yeencwadi kaNa'ibali

Ingaba zikho iincwadi owakha wazifunda nezibhalwe ngumbhali nomzobi weencwadi zabantwana owaziwayo, uNiki Daly? (Ungumbhali wencwadana onokuyisika-ze-uyigcine ekwiphepha le-3 ukuya kwele-6!) Wazalelwa eKapa waze wahlala apho phantse ubomi bakhe bonke phambi kokuba afudukele eKleinmond kutshanje. Nangona ebhala ngesiNgesi, iincwadi zikaNiki Daly ziguqulelwe kwiilwimi ezininzi ezohlukileyo kwaye zonwayelwa ngabo bonke abantwana kwihlabathi liphela.

### Amanqakwana ama-5 malunga noNiki Daly

1. Ngalo lonke ixesha efikelwa yingcinga ngebali, uNiki Daly uyibhala phantsi kwincwadana yakhe ayibiza ngokuthi "yiBook of Ideas".
2. Waphumelela imbasa yamazwe ngamazwe ngencwadi yakhe yokuqala ngqa eyathi yapapashwa – kwaye ke ukususela ngoko uphumelele imbasa ezininzi!
3. Ubhale waza wazobela iincwadi zabantwana iminyaka engama-36 ukuza kuthi ga ngoku!
4. Eyona nto ayonwabela kakhulu ngokubhala iincwadi zemifanekiso uNiki Daly kukuyila abalinganiswa abatsha bebali.
5. Omnye wabona babhali-bazobi beencwadi zemifanekiso abathandayo nguMaurice Sendak, owabhala nowazobela u-*Where the Wild Things Are*.

### Ezinye iincwadi ezibhalwe nguNiki Daly

Uninzi lweencwadi zikaNiki Daly ziyafumaneka ngeelwimi eziliqela zaseMzantsi Afrika. Amathala eencwadi amaninzi kunye neevenkile zinazo iincwadi zakhe. Uluhlu lwezinye zeencwadi zakhe lubhalwe zuba apha ngezantsi.

## Know your Na'ibali characters

In South Africa, many homes are bilingual or multilingual. This is a wonderful resource for children! Find out about the languages that the Na'ibali character, Hope, speaks and reads and then enter the competition to win a gift card from Jet!

Hope is 10 years old and lives with her mom and dad. She enjoys reading novels about the daily lives of children her own age, as well as information books about wild animals or karate. Hope reads mainly in English, but she can also speak and read a bit in Afrikaans and Zulu because she's been learning these languages at school.



## Bazi abalinganiswa bakho beNa'ibali

Kumakhaya amaninzi eMzantsi Afrika kuthethwa iilwimi ezimbini okanye ezininzi kunoko. Lo ngumthombo wokufunda omangalisayo ebantwaneni! Funda malunga neelwimi azithethayo nazifundayo umlinganiswa weNa'ibali, uHope, uze ungenele ukhuphiswano ukuze uphumelele isipho esilikhadi lokuthenga sakwaJet.

UHope uneminyaka eli-10 ubudala kwaye uhlala nomama notata wakhe. Uyakonwabela kakhulu ukufunda iinovel ezimalunga nobomi bemihla ngemihla babantwana abangangaye, kwakunye neencwadi ezinika ulwazi malunga nezilwanyana zasendle okanye ikarati. UHope ufunda isiNgesi ikakhulu, kodwa ukufunda i-Afrikaans nesiZulu kuba uyazifunda esikolweni ezi lwimi.

## Win! Wen!

To stand a chance of winning one of four Jet Gift Cards worth R100 each, send us the word "Hope" and tell us if it is good for children to learn more than one language. Email your answer to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org), or SMS it to 32545 (standard data rates apply). Competition closes on 27 November 2014.

Ukuze ube sethubeni lokuphumelela elinye kumakhadi ezipho zokuthenga amane akwaJet naxabisisa i-R100 lilinye, sithumelele igama elithi, "Hope" uze usixelelele ukuba kulungile kusini na ukuba abantwana bafunde ngaphezulu kolwimi olunye. Impendulo yakho yithumele nge-emeyili ku-[letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye SMSela u-32545 (kuhlawulwa amaxabiso amiselweyo edata). Ukhuphiswano luya kuvalwa ngomhla wama-27 kweyeNkanga 2014.

**Terms and conditions:** To enter, you must be 16 years or older. Employees of PRAESA are not eligible to enter. **Imiqathango nemimiselo:** Ukuze ungenele ukhuphiswano, kufuneka ube neminyaka eli-16 okanye ngaphezulu. Abasebenzi bakwa-PRAESA abavumelekanga ukuba balungenelele ukhuphiswano.

**Clue:** Visit our "Reading & storytelling tips" section on the Na'ibali website to find the answer. Go to: [http://nalibali.org/reading\\_story\\_topics/language/](http://nalibali.org/reading_story_topics/language/)

**Umkhondo:** Ndwendwela icandelo le-"Reading & storytelling tips" kwiwebhusayithi yeNa'ibali ufumane impendulo. Yiya ku-[http://nalibali.org/reading\\_story\\_topics/language/](http://nalibali.org/reading_story_topics/language/)



# Jet Club



**CHILDREN'S LITERACY RIGHT #3:** CHILDREN SHOULD HAVE DAILY OPPORTUNITIES TO USE READING AND WRITING TO HELP THEM EXPLORE LIFE FROM BOTH REALISTIC AND IMAGINARY PERSPECTIVES

*nalibali*  
It starts with a story...  
The Children's Literacy Charter is a guide for adults to ensure our children get the best literacy experiences possible.  
Visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) to read all 11 literacy rights!

## Story corner

Here is the second part of the story of Ntatu who tried to be more like Day and Night. Enjoy reading it, or reading it and then retelling it.

### Ntatu and the Bommelak Tree (Part 2) By Leo Daly

That evening, Ntatu hid behind a bush and waited. When Night woke, Ntatu followed her. He watched her wash her hair in the pool beneath the Bommelak Tree.

Ntatu waited all night long until morning came. He watched Day wash his face in the pool beneath the Bommelak Tree. "Now I know their secret!" thought Ntatu. "If I wash my face in the pool beneath the Bommelak Tree, then it will be as handsome as Day's face. And if I wash my feathers in the pool beneath the Bommelak Tree, then they will be as beautiful as Night's hair."

But just as Ntatu was about to dive into the pool, there was a terrible sound that stopped him in his tracks.

The Bommelak Tree shook its branches. "Ntatu," it said, "no one besides Day and Night may wash themselves in this pool. If you do, I will curse you. Now go and be happy with who you are!"

Ntatu shivered in fright, but he said, "And who are you to tell me what to do, Tree? I will be as handsome as Day and I will be as beautiful as Night. There is nothing you can do to stop me."

And with this, Ntatu flapped his wings and dived into the pool beneath the Bommelak Tree.

But he did not land in the cool water of the pool. He crashed into a pit of dust. Ntatu was so happy he didn't even realise this. He flapped his wings in the dust and he scrubbed his face in it – and he felt very beautiful and very handsome.

"There, Ntatu," said the Bommelak Tree, "from now on, you will never wash yourself in water. You are cursed forever to wash in dust. Now go and be happy with who you are!"

Soon Ntatu's colourful feathers faded. His face became grey and dirty. His wings shrunk and his legs grew short.

And whenever the animals saw Day and Night walk by, Ntatu looked at the ground and said nothing.

But the little mole whispered, "Look at how handsome Day is. Look at how beautiful Night is. And look at how grey Ntatu the pigeon is!"

**Tell us if you liked the story, *Ntatu and the Bommelak Tree* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.**



Illustration by Alzette Prins  
Umfanekiso ngu-Alzette Prins

## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yesibini yebali likaNtatu owazama ukufana neMini noBusuku. Yonwabela ukulifunda okanye ulifunde uze uphinde ulibalise.

### UNtatu nomthi weBommelak (Inxalenye 2) Libhalwe nguLeo Daly

Ngalo njikalanga, uNtatu wazimela ngaphaya kwetyholo, walinda. Bathi xa uBusuku buvuka, uNtatu wabulandela. Wabubukela buhlamba iinwele zabo equleni eliphantsi komthi weBommelak.

UNtatu walinda ubusuku bonke kwade kwayintsasa elandelayo. Wabukela uMini ehamba ubuso bakhe kwiqula eliphantsi komthi weBommelak. "Ngoku ke ndiyayazi imfihlo yabo!" wacinga njalo uNtatu. "Ukuba ndihlamba ubuso bam kweli qula liphantsi komthi weBommelak, buza kuba buhle njengobukaMini. Kwaye ukuba ndihlambe iintsiba zam kwiqula eliphantsi komthi weBommelak ziza kuba ntle njengeenwele zikaBusuku."

Kuthe kanye xa uNtatu eza kutsibela equleni, kwakho isandi esikhulu nesivakala kakubi esabangela ukuba ame ayeke yonke loo nto wayeza kuyenza.

Umthi weBommelak wawushukumisa onke amasebe awo. "Ntatu," watsho umthi, "akukho namnye ngaphandle kukaMini noBusuku abanokuzihlamba kweli qula. Ukuba uhlamba apha, ndiya kukuqalekisa. Hamba ke ngoko wonwabele ukuba nguwe!"

UNtatu wangangcazela kukoyika, kodwa wathi, "Ungubani ke wena ukuba uxelele mna into emandiyenze, Mthi? Ndiza kuba mhle njengoMini noBusuku. Akukho nantoni na onokuthi uyenze, ukundithintela koko."

Ngaloo mazwi, uNtatu waphaphazelisa iimpiko zakhe waza watsibela equleni eliphantsi komthi weBommelak.

Kodwa zange angene emanzini apholileyo equla. Wangena emngxunyeni onentlabathi. UNtatu wayevuya kakhulu kangangokuba zange aqonde nokuba akangenanga equleni. Waphaphazelisa iimpiko zakhe wabhuqabhuqa ubuso bakhe entlabathini – waza waziva emhle kakhulu.

"Nantso ke, Ntatu," watsho uMthi weBommelak, "ukususela namhlanje, soze uphinde ubuhlamba ngamanzi obakho ubuso. Uqalekiswa ngonaphakade ukuba uya kuhlamba entlabathini. Hamba ke ngoko wonwabele ukuba nguwe!"

Kungekudala iintsiba ezimibala-bala zikaNtatu zafiphala, azabi nambala. Ubuso bakhe babangwevu, bamdaka. Iimpiko zakhe zashwabana nemilenze yakhe yamifutshane.

Ngalo lonke ixesha izilwanyana zibona uMini noBusuku begqitha, uNtatu wayejonga phantsi emhlabeni angathethi.

Kodwa intuku encinane yayisebeza ithi, "Khanijonge indlela amhle ngayo uMini. Jongani indlela amhle ngayo uBusuku. Niphinde nijonge indlela elingwevu ngayo ihobe elinguNtatu!"

**Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *UNtatu nomthi weBommelak* – ngokusithumelela igama elithi "Bookmark" negama namagqabantshintshi akho nge-SMS kule nombolo 32545. I-SMS nganye ixabisa R1,00.**

**How have books and stories shaped your life and your children's lives?** Have they helped you to explain a difficult situation to your child? Or has discovering a favourite story encouraged your children to read and helped improve their reading at school? Tell us on Facebook ([www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)), or Twitter ([www.twitter.com/nalibaliSA](http://www.twitter.com/nalibaliSA)) using the hashtag #StoryPower, or email us at [info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org) and we could feature how stories have made an impact on your life!

**Ingaba iincwadi zibe nafuthe lini kubomi bakho nobabantwana bakho?**

Ingaba zikuncedile wakwazi ukucacisela umntwana wakho ngemeko ethile enzima kusini na? Okanye ingaba ukufumana elona bali lithabathekayo kubakhuthazile kusini na abantwana bakho ukuba bafunde kwaze kwanceda nokuphucula ukufunda kwabo esikolweni? Sixelele ku-Facebook ([www.facebook.com/nalibaliSA](http://www.facebook.com/nalibaliSA)), okanye ku-Twitter ([www.twitter.com/nalibaliSA](http://www.twitter.com/nalibaliSA)) usebenzisa i-hashtag engu-#StoryPower, okanye usi-imeyilele ku-[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org), thina ke sinokupapasha loo ndlela amabali abe nefuthe ngayo ebomini bakho!

## Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



## UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SundayWorld